Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2021

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-25.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/UncwadiLwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com


7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Intliziyo yam' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Umkhosi wemidaka' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Unozakuzaku | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Umlambo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: UNYANZELEKILE** | | | |
| 5. 'Bantwana Bethu!' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| 16. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| 17. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda lo mbongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**INTLIZIYO YAM – C Nqakula**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhola yakuthanda, indisindise kanjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo-
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
Kanti nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

Cazulula izafobe ezikulo mbongo eziphuhlisa umxholo othi intliziyo yingxaki efunekayo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMKHOSI WEMIDAKA – SEK Mqhayi**

Phakathi! Phambili!
Phakathi! Phambili!
Mathol' ezala-kulandelwa
Nokhulul' amaFiji,
Nihlangul' amaGala;
Ninced' amaBhisiniya;
Niwajij' amaMjiji,
SingamaBhritani maan,
SingamaBhritan' ephelele!

Ifikil' ingom' amadoda!
Soyivuma ngemihlali,
Siqabel' intaba zeMatopo;
NezeSikhalima-njalo,
Siyavuma ngemincili:
Ingom' ebhombo noganda-ganda;
**Ingom' esinandile nerhuluwa**.

Hambani makwedini!
Zenibuye kamsinya!
Kuba nasekhaya kukh' amaGqubusha.
Nibuye nexhoba lomhlaba;
Ningalishiy' eleenkomo;
Nibuye nodumo nozuko;
Nibuye noloyis'oluhle;
SingamaBhritani thina,
Mabandl' angatshonelwa langa.
Ndee ncincilili!
Ndee ntshobololo!!!

2.1 Xela okulindeleke kumkhosi wemidaka ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Caphula ubungqina bokuba lo mkhosi wawumele iBhritani ngebhongo ngokwesitanza soku-1. (2)

2.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo oziswa ngumqolo we-16 kwisitanza sesi 2. (2)

2.4 Kubethelela luvo luni ukuphindaphinda igama 'nibuye' kwisitanza sesi-3? (2)

2.5 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicatshulwa sombongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNOZAKUZAKU – ZS Qangule**

Imbeko nemibuz' emlindeleyo kwelo khaya.
Kodwa ke yinkabi yamalanga' ekad ' inetha.
Indlel' ayaziwa mntu kodw' umhambi wayo,
Kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili.

Iinyawo zakhe ziluvil' uthuli lwendlela,
Nentloko yakh' ulophu lwasehlotyeni.
Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa, nemimango,
Ngasemva kwenkomo eziya kulobola.

Lo mf' akamntwana kodwa akaxhego,
Izicithi ziwubonile umtsi wakh' edlula.
Lithemb' elingafuni kudanisa mntu,
Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.

Wofika k' emzin' ubone nawe,
Ukuba kwaza kwafika mntu kulo mzi,
Wofumana zilaph' ezishushu nezibandayo,
Ukubon' ukuzola nokuhlonipheka komzi.
………………………………………………

3.1 Xela ukuba ulindelwe yintoni uNozakuzaku apho aya khona ngokwesitanza soku-1. (2)

3.2 Caphula ubungqina bokuba unozakuzaku ubehamba ngeenyawo kwisitanza sesi-2. (2)

3.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo oziswa ngumqolo we-9. (2)

3.4 Ibethelela luvo luni imbongi ngomqolo wesi-12? (2)

3.5 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMLAMBO – JJR Jolobe**

..........................................................
Sebesela apha
Bonke, baneliswe
Abanxaniweyo bayo le mimandla.
Abahlambi kum na.
Bacoceke gqathu,
Boshum' abangcolileyo bezi ntlambo?

Kanti akusoze
Ubone kuncipha
Nakungcola kwami kukuhlamba oko;
Waye ungasoze
Ubone kudinwa
Kukwenz' ubulungisa, yonk' imihla le.

Kanti ndikwaphambukela
Nasemasimini,
Ndinike ubomi kwizilimo ezo;
Ndimke ziphilile
**Sezincumancuma**,
Ndihambe indlela ebulolo yam.

4.1 Xela uncedo lomlambo ngokwesitanza soku-1. (2)

4.2 Caphula ubungqina bokuba umlambo awupheli nokuba uyasetyenziswa kwisitanza sesi-2. (2)

4.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo oziswa ngumqolo we-17. (2)

4.4 Ibethelela luvo luni imbongi ngomqolo we-15 ukuya ku16? (2)

4.5 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**BANTWANA BETHU! – IV Mtamzeli**

Bayilwa ngebhongo nochulumanco,
Iintliziyo zinethemba nolonwabo.
Bayilwa ngentswelo yolwazi,
Umphefuml'uxhalabile lixhala.
Ziimveku ziintsan' a' kho mahluko.
Ubudala ngumsantsa wobukhulu.
Ngapha luyilo, ngapha kungazi.

Impatho idal' umsantsa.
Isondlo lubisi kwaneencindi
Isondlo ngamabona- kwenziwe,
Iling' alicetywanga liqutyulwe.
Owesondl' izidlele zigrebhelele,
Elambil' uyakhal' akancwini.
Mawethu ndiyakhal' a' kho hlaba;

Ndiyabhong' andinazigxala;
Intulula-mbono liliso.
Ndakujong' a' kho kuchulumanca.
Ndikhangela ngovakalelo.
Ndigixe lusizi novelwano.

Masiqaphel' ukukhula kotyani,
Kwiindidi-ntlobo zemihlaba,
Kwiintlobo-ndidi zemo zezulu.
Umhl' umhlaba luthekezelo;
Enkangala lungcokocho;
Usiw' umbethe, luphinyelo.
**Isiseko sesekhaya.**

Kuvel' ingqond' ephaphileyo
Kumzimb'ophilileyo.
Luphel' ugevezelo lokuthi,
'Bantwana Bethu'!

5.1 Caphula imiqolo emiBINI kwisitanza soku-1 ethetha ukuba abantwana babenza abantwana bengenalwazi ngale nto bayenzayo. (2)

5.2 Chaza into eyenza impatho idale umsantsa phakathi kwabantwana ngokwesitanza sesi-2. (2)

5.3 Chonga imiqolo ibeMIBINI ebonisa ukuba imbongi ayonwabanga okanye ikhathazekile kwisitanza sesi-3. (2)

5.4 Caphula uphindaphindo olukwisitanza sesi-4 uxele ukuba lubizwa njani. (2)

5.5 Cacisa umyalezo oziswa kukusetyenziswa kophawu lokukhuza olukwisihloko nakumqolo wokugqibela walo mbongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli). KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Bonisa ukuba impumelelo kaMapheza kule noveli ibe sisiqhamo sokuzinikela kwakhe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

UBUSUKU BABUSE BUKHATHULE UKUVUSWA KWAKHE kukuhlahlamba kukanomyayi wakhe uThantaswa Ntlontlo. Emva kokuthetha nalowo wayemfowunele, ucofe ngokungxama inombolo awayeyifuna kunomyayi wakhe, emva koko wamamela ephefumlela phezulu kukothuka. Wathi akukhala kwelinye icala, watshintsha indlela awayehleli ngayo elindele ukuva umntu omphendulayo. 'Halowu, Thanti,' uphendule watsho uMfuneko Mnenga owayefowunelwa kwelinye icala.

'Mfuneko, abafana bawuqhube ngempumelelo umsebenzi ebesibasingathise wona. Bamgwintile uMsindisi, umzimba wakhe bawushiya emotweni yakhe kufutshane neliya hlathi laseBika. Sebenza njengepolisa elive umkhondo ke ngoku, sithandwa sam.' Wathi akugqiba ukutsho uThantaswa, wazilahlela phezu kwebhedi, unomyayi wakhe usesendlebeni, walila kabuhlungu.

'Kulungile ndivile,' utsho exhuma kwangoko ebhedini uMfuneko njengoko wayesele elele ukufumana kwakhe loo fowuni. Akugqiba ukuthetha noThantaswa efowunini, uMfuneko utsibele ibhulukhwe yakhe kunye nesikipa. Emva kokunxiba uthathe izitshixo zemoto yakhe, emva koko waya kuphuma ngomnyango ekhawulezile. Uqhube imoto yakhe wehla ngendlela eya ngaseMazepha Bay kuCentane. Uthe engekahambi mgama mde, wabe sele eyibonela kufuphi imoto kaMsindisi ithiwe nyha apha ecaleni kwendlela, ikrobe phezu komjelo wamanzi.

Downloaded from Stanmorephysics.com


| |
|---|
| Waba ngumntu wokuqala ukufika apho. Ufike kuloo ndawo wayimisa imoto yakhe emva kwaleyo inomntu odutyulweyo. Phambi kokuba aphume kweyakhe imoto uqale wabheka-bheka. |

7.1 Xela iindawo zaseGcuwa zibeNTATHU ekuqhubeke kuzo ulwaphulo mthetho kule noveli. (3)

7.2 Chaza ukuba umbalisi ukuveza njani ukubandakanyeka kukaMfuneko ekubulaweni kukaMsindisi. (2)

7.3 Xela ukuba isicatshulwa simtyhila njengomlinganiswa onesimo esinjani uMfuneko. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Chaza into emangalisayo koku kulila kabuhlungu kukaThantaswa kukwisicatshulwa. (2)

7.5 Khankanya isenzo sikaMfuneko onokungqina ngaso ukuba unamava okuphazamisana nobungqina betyala lokubulala. (1)

7.6 Xela ezinye iziganeko eziTHATHU ezenzeke ngobusuku kule noveli. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

| |
|---|
| Intle le nto uyenzayo, Hlumisa mntwan'am,' watsho uMfundisi Ngwane ukuphuma kwenkonzo ngaloo mini. UThantaswa wayemi ecaleni kwemoto yakhe nabazali bakaMsindisi bobabini. 'Unyanisile Mfundisi kuba usathana ungena lula phakathi kwabantu abangamaziyo uThixo. Oyena mntu undikhathazayo nguMsindisi ongafuni nokuyibona oku into edibene nenkonzo,' wangqina watsho uMamNgwevu echulumancile naye. 'Umntu akanyanzelwa kaloku Zulu, uMsindisi ngokuqinisekileyo useza kuwa akuyibona inkosikazi yakhe ukuba izimisele ekusebenzeleni iNkosi. Uza kubona ngotshintsho apha kuyo ukuba uThixo uyasebenza,' watsho esithi qhuzu qhuzu ehleka uMfundisi Ngwane. Bahlukana uThantaswa onwabe ngendlela engathethekiyo akuva enconywa nangunyawontle.<br>Ngaloo mhla uThantaswa wawubamba ngokwakhe umthandazo wangokuhlwa ekhaya. Wavakalelwa utata kaMsindisi, uMonde akuva indlela awayezityanda ngayo igila kuThixo. Kaloku intombi enkulu **yayithandaza de ilile**, iphalaza intlungu yayo yokuvumela ukusetyenziswa ngusathana ofuna ukuyahlula neqabane layo eliphiwe nguYe. Waye wacela nokuba iNkosi ibabeke ukuze kudane usathana.<br>Eyona nto eyahlaba kakhulu abantu abadala ezintliziyweni zabo kukumva ecela umntwana <u>okomkhonzi kaThixo,</u> uHana waseBhayibhileni. Ilanga lalisiya kuthi sithe ngaphaya kweentaba ukufika kwakhe elokishini ngemini elandelayo uThantaswa. Wafika uMsindisi esandula ukungena evela emsebenzini. Wambalisela ngobumnandi basekhaya njengesiqhelo kunye nokunconywa kwakhe ngumfundisi Ngwane. |

7.7 Yintoni le intle ayenzayo uThantaswa anconywa ngayo ngumfundisi? (1)

7.8 Khankanya izohlwayo eziTHATHU azifumeneyo uThantaswa ngokuthanda imali. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.9 Chaza amatyeli amaBINI akule noveli apho kuqaqambe ukusebenzisa gwenxa umthandazo kukaThantaswa. (2)

7.10 Xela udidi lomfanekiso ngqondweni obhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.12 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Bonisa ukuba impumelelo kaMangaliso kule noveli ibe sisiqhamo sokuzinikela kwakhe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Bangenelela bonke abantu ababesemotweni engomeni batsho ngentlokomo eyatsho wathabatha unyawo uThole ukukhala, suka wanga ngumntu lo ungenwe lugezo. Kwathi kuba kuloo ndlela ivelela iNciba saye sibalasele isikhalo. Kuthe kulapho woyika umqhubi wemoto wavakala esithi, 'Hayi madoda khanizame ukumthuthuzela, ngolu hlobo uza kundibizela amahashe ndingenambona, akuyi kulunga siyiwele iNciba esenza esi simbonono uya kusenzela umkhoka kooNongqayi.'
Kwanyanzeleka ukuba mayikhe imiswe imoto kuzanywe ukuba athuthuzelwe kunzima umntu engavumi kuzola, kwade ekugqibeleni wabonakala esoyisakala elala. Elele njalo **wamana ukuhlala ahlale atsho ngesibuhlungu isingqala**. Wayesithi akusitsho esi singqala ahleke ade aqikileke uThemba umve esithi, 'Kungani na mphefumlo ukuba uxhalabe ungabi nakuzola?' Ukuba kukho umntu owayeqaqadekile ebantwini andikholwa ukuba ukho owayefana noThemba.
Lo mntu eqaqadekile nje uyasazi isiBhalo, uthetha kube kabini acaphule kuso. Hayi khona ngaloo mini wayengathi umbona ntoni na nje uThole. Elele njalo wayehlala ahlale amana ukusuka amadlu amwe ngentsini umve esithi, 'Unakho na ukuhamba emalahleni uze ungatshi? Unakho na ukusela utywala mhlobo wam uze unganxili?' Elele njalo umfo wasemaKwayini kwabakho amaxesha okuba ububone ubuso bakhe buzele luncumo engathi ujonge uThemba uyathetha ngentliziyo.

| | | |
|---|---|---|
| 9.1 | Xela amagama eendawo eziNTATHU aqaqambe kuzo ngentshumayelo uThole. | (3) |
| 9.2 | Chaza ukuba umbalisi ukuveze njani ukuvuseleleka kwesazela sikaThole sokuba ngumfundisi kwesi sicatshulwa. | (2) |
| 9.3 | Xela ukuba esi sicatshulwa simtyhila njengomlinganiswa osimo sinjani uThemba. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 9.4 | Chaza le nto imangalisayo koku kulila kabuhlungu kukaThole kuxelwe kwisicatshulwa. | (2) |
| 9.5 | Khankanya isenzo sikaThemba onokungqina ngaso ukuba ulitshijolo. | (1) |
| 9.6 | Xela ezinye iziganeko eziTHATHU ezenzeke ebusuku kule noveli. | (3) |

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

Ulonwabo olwalukwaBhungalipheli ngalo mini yayilolungathethekiyo Izifundiswa ziyigibisele imithika yazo yeemfundo ezinemisila zingqonge uMangaliso etsho ngezimbeje-mbeje zobunzulu-lwazi. Belapho oonyawo-ntle beloMzantsi bezokuzimasa itheko lomnye unyawo-ntle. Zawa iintetho zivela kwiingwevu zeGcuwa ziyala unyana wazo, zathetha izifundiswa ziyala esinye isifundiswa ngemfundo yaso esithe sayifumana: sathetha isifundisi siyala omnye umfundisi ukuba abuphathe kakuhle ubufundisi anyulelwe bona nguThixo. Wathetha uFikizolo notitshala uZolile bada balila. Bebulanda ubomi bonyana wabo kwelo Zazulwana: Wavuya umntu waseZazulwana ngaloo mini, bonke ababemazi ukukhula kwakhe xa ngoku sebedibana naye enguchwenene womfundisi bebamba ongezantsi, beqhwaba izandla bethetha besithi, 'Inene izinto ziyenzeka;' bezidla kangaka ngoMangaliso <u>njengomntwana</u> wabo besithi kumhla zekuphume umfundisi eZazulwana. Ukuba ngaba ukho umntu owakha wathandwa waxatyiswa ngabantu baseZazulwana andikholwa ukuba ukho owakha wafana noMangaliso ndaye ndingakholwa ukuba woza abekho. Eyokuba ngowakuCentane wawungayazi wedwa, ndaye ndijongile babengakudla ngamazinyo ukhe wayiphatha leyo. Emva kwezo ziyunguma wawuqala umsebenzi wakhe wobufundisi uMangaliso ngenyamekokazi enkulu.
Wawuqala nomsebenzi wokwakha umzi wakowabo osiqhamo yaba lelo **bhotwekazi** lendlu ngathi 'yinkumba yabanyepha'. Sesikhe salikhankanya ngabula maGcalekakazi. Indima kaFikizolo ekwakhiweni kwalo mzi yengathethekiyo. Emva kweso siyunguma walukhulula usapho lukaKhohlela ekhephula isipani sonke ebuhlanti kwanezisengwayo.

9.7 Yintoni le yayizisa ulonwabo kwaBhungalipheli? (1)

9.8 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ngokwale noveli uluvo lokuba ukuzalwa ngabantu ababomvu akusosithintelo kwimpumelelo yomntu. (3)

9.9 Chaza ukuba kuqaqambisa ntoni ngabantu baseZazulwana ukuvuyela kwabo impumelelo kaThole ngokwesi sicatshulwa. (2)

9.10 Xela udidi lomfanekiso ngqondweni obhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Bonisa ukuba impumelelo kaMfazwe ibe sisiqhamo sokuzinikela kwakhe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340-390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Umfo ondiliseke nongathi unxanelwe ukunceda ngalo lonke ixesha, umntu ohlonitshwe nayimveku esebeleni, yinkunzi yempimpi! UMnumzana Ntsipho, linene eliwadlula onke amanene engingqi yam, isipotsololo somfo esiyiNgqonyela yezemidlalo, indoda ekuthi kusisa uve kusithiwa intinge yaya ekuthini iyokuhlangana nezikhulu zemidlalo kweli, umfo okhe anyamalale iintsuku, athi apho athe gqi khona umve encokola ngeMelika enkulu ebethe gxada kuyo, uxakwe ukuba le mali ingaka azula ngayo esithubeni uyithatha phi na, kanti naye yenkulu impimpi. UNtsipho lo ngulo kaloku wada waza kundimela eYunivesithi, kunzima kutata ukuhlawula imali yokugqibela yonyaka lada eliya bhulu uNkomiyahlaba lavuma ukuthenga laa nkatyana yakhe yenkomo ukuze ke ihlawuleke imali yam yesikolo.

Ndada ndaya kungena kwimoto eyayimise phantsi komthi, ingqondo yam ijikeleza okwenja ileqa umsila wayo. Emotweni kwakusele kukho abafo ababini, omnyama ngasemva, nomnye omhlophe emva kwevili. Ndangena ngasemva ngelixa umkhaphi wam esiya kujikela ngaphambili.
Ndandisendifunge ndagqiba ukuba imeko elolu hlobo andisokuze ndiyixolele, bona uNdlela noNtsipho kwakuza kwaziwa. Ngokungathi uyifundile ingqondo yam lo mfo wasemzini, yathi ukuba ihambe imoto wanelizwi alithethayo.
'Into eza kukunceda kuyo yonke le meko Mfazwe mfo wam, kukuvala phezulu ungabe uthetha yonke into le.'

11.1 Xela amagama eendawo zibeNTATHU abethwe kuzo uMfazwe. (3)

11.2 Chaza ukuba umbalisi ubuveza njani ubungcothoza bukaNtsipho. (2)

11.3 Xela ukuba le noveli imtyhila njengomlinganiswa osimo sinjani uMfundisi uHlathi. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Chaza le nto imangalisayo kule mali ininzi kaNtsipho ixelwe kwisicatshulwa. (2)

11.5 Khankanya isenzo sikaMfazwe onokungqina ngaso ukuba unamava kwezomzabalazo. (1)

11.6 Xela ezinye iziganeko eziTHATHU ezenzeke ngobusuku kule noveli. (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA F**

Kwaba ngathi kugqabhuke ithumbu. Waxuxuzela wonke uMzantsi Afrika, laqhuqhumba elaseAfrika, lanxakama lonke elimiweyo. Isikhalo nesijwili sasisinye, liwile, liwile iqhawe lamaqhawe, igorha kumagorha alwela inkululeko, uMpondombini eleenkobe, uKK elibizwa ngabantwana, iTshawe. Zaziphokoka iindaba zivela macala onke, liqhuma lonke ilizwe.

Lakuvakala udaba lokusweleka kukaKK ngokuzixhoma ngomkhono webhrukhwe, endaweni yokuba abantu bazile basuka baba nomsindo besithi xoka, akazibulelanga ugetyengiwe. Loo nto yakhatshwa luqhankqalazo olwavusa uqhushululu olwaxaka nabaphembi bodushe. Abantu babefunge bamunca iintupha besithi kufe owokugqibela.

Lwaphuma ezandleni uluntu, zaba zizantanta izinja zomthetho, kuba **kwanqanqaza umlilo** kuyo yonke indawo. Iziqhu zabantu eziphuma kwiinkonzo zokukhumbula igorha uKK zawukhuphela umsindo kuyo yonke into ebizwa ngorhulumente okanye enxulumene namagwangqa. Abantu abahamba ngeenqwelo zasemisebenzini, baba ngamaxhoba okuqala. Ezo nqwelo zafakwa umlilo. IFunda isikolo sam ekwakusekuthiwe sivaliwe kakade, kwavukwa ngenye imini siluthuthu. Amapolisa ahlala ezilokishini wona neentsapho zawo asinda ngokulambisa ukuba angatshiselwa ezindlwini zawo. Abaleka abhaca akwaziwa nalapho ayokutshona khona. Zavakala mva ezokuba agcinwe ngoowabo.
Kwelasentla kwisixekokazi esikhulu saseGoli, apho uKK wayegqityelwe evalelwe khona, izihlwele zabantu zenza umngcelele zafunza esikhululweni samapolisa ziyokuwaxelela ukuba makavuse uKK. Othethayo uthi abantu bacela ukuthetha nengqonyela yesikhululo.

11.7 Yintoni le ibangela isijwili kwihlabathi ngokwesi sicatshulwa? (1)

11.8 Khankanya izenzo eziTHATHU ezityhila abahlali bakwaQaka babesele bekruqukile yimpatho karhulumente wengcinezelo. (3)

11.9 Chaza ixesha ngokwembali yoMzantsi Afrika eliqaqanjiswe kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.10 Xela udidi lomfanekiso ngqondweni obhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.12 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Bonisa ukuba impumelelo kaGxuluwe kwimbali ethi uGxuluwe nabathwa nekaSteve Biko kwisibongo esithi, 'Enkosi Steve Biko' ibe sisiqhamo sokuzinikela kwabo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**IMBALI KANXELE**

Ithi imbali kwathi kwakumka uMfundisi uNyengane kumhlaba wamaXhosa kwavela uNxele kwilali yaseMgwangqa kumhlaba kaKumkani uNdlambe nowafika esithi uhambisa obekuthethwa nguNyengane, phofu bekho ababeyithandabuza loo ntetho yakhe. Ubedla ngokuthi xa efundisa abantu uNxele, athi iinkosi zimbini zaye zihlala emanzini. Kwezi nkosi enye yazo yayinguTayi ngeli xesha enye inguDalidephu. Ubebethelela ukuba abantu bakwaNdlambe xa bewela umlambo banqule ngokubulisa besithi, A! Tayi! A! Dalidephu! Lo yayingummiselo awubekela abalandeli bakhe.
Ebenemiqathango ayibekela uluntu lwakhe umfo kaGwala lo esithi abantu mabayeke ukuthakatha, balahle ubuthi, bayeke ukukrexeza.
Ingulowo nalowo makabule echaza konke okubi nokuyinkohlakalo awakha wakwenza amadoda nabafazi babula, ngokulandela lo myalelo. UNxele, uMCwerha uthe akubona ukuba uyalandelwa kwiintshumayelo zakhe wavela nesithembiso esitsha sokuba ababhubhayo baya kuvuka bonke ekufeni bephuma kulwandle lwakwaGompo. Kodwa wona amaNgqika aya kuba ziinkuni, iimbovane, amawa kuba asoloko enezandla ezixhaphe igazi.
AmaRharhabe avakala esithi kungokuba kutheni na le nto ezi zinto zithethwe ngulo kaGwala; engokabani kakade yena? Ingaba aphi na amaphakathi akwaNdlambe angamaJwarha, amaCirha kunye namaNtakwenda. Alikhuphe lapoqa amaRharhabe ukuba uNxele makade avunywe ukuze kucace eyona nto aza kuba yiyo. Ngokwenene wavunywa ngamawabo wasiwa ecamagwini ngeenkomo ezimdaka, ezilubhelu nezimnyama kodwa zabe isininzi sazo izezimnyama nezilubhelu. AmaNgqika namaGcaleka awuzimasa lo mcimbi ngelokoyika ukujika abe ziinkuni, iimbovane namawa. Kananjalo ayesoyika ukumka noqhwithela lomoya njengoko wayethethile uNxele esithi basisizwe esiya kuba lixhoba loqhwithela. Ahamba enqula, ekhahlela kuyo yonke imilanjana ekhala ngo- 'A! Tayi!, A! Dalidephu!' bephatha kubonga besithi:
UQweqwedu phezulu, umkhonto awungeni.
Iqutu likaTayi,
Inkonjan' emnyama edlala emafini;
Iqutu elimgxade.
Uthe ofuna ikhubalo wabalekela khona ukuze naxa kududuma izulu anqule enjenje, 'Ta zulu likaTayi!' Oku ebekutsho kuba eligxotha.

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.1 Xela imiqathango ibemiTHATHU awayeyibekela uluntu umfo kaGwala. (3)

13.2 Chaza ukuba umbalisi uwaveza njani amaGcaleka njengabantu abaneenkolelo kwisicatshulwa. (2)

13.3 Xela ukuba isicatshulwa simtyhila njengomlinganiswa osimo sinjani uNxele. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.4 Chaza into emangalisayo kule ntetho kaNxele yokuba ababhubhayo baya kuvuka bonke ekufeni bephuma kulwandle lwakwaGompo. (2)

13.5 Khankanya isenzo samaNgqika namaGcaleka onokungqina ngaso ukuba azithathela ingqalelo izoyikiso zikaNxele. (2)

13.6 Xela isaci esisukela kule mbali. Xhasa impendulo yakho ngokwentsingiselo yaso. (2)

13.7 Nika umxholo wale mbali. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

**UKUMKANIKAZI NOLIZWE SANDILE (EZINGOBUKHOSI) – M Mbambo**

A! Nolizwe!
A! Nolizwe!
Liwasakazi leenkomo zakuloNyawuza.
Incokazi kumathol' eenkunzi zasemaMpondweni.
NguMalusi wamathol' esirhorho kwaRharhabe.
UMval'ovalel'ezimaphece nezimaxhaka.
Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi.
Uyavuy'uNolwandle unomolokazana.
A! Nolizwe!

A! Nolizwe!
Nguwongama wokugagamel' amaRharhabe.
**UMaxway' ibhozo** namhl' angazukudla nyama.
Nolizwe siyalez' amathol' ogaga kuwe,
Wakukhumbul' isilwangangubo sakuloMbombo.
Uz' ubhalel' edolwen' utampishe ngozwane.
Usayine ngoxhongo iza kubuy' impendulo.
A! Nolizwe!
Ncincilili!

13.8 Chaza umnombo kaNolizwe ngokwalo mbongo. (2)

13.9 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.10 Nika intsingiselo yomqolo wesi-7. (2)

13.11 Xela udidi lomfanekiso ngqondweni obhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.12 Nika iimpawu zesibongo eziMBINI ezikwesi sicatshulwa sombongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Ukunyanzeliswa kwesiko kuneziqhamo ezibi. Ngqina olu luvo ngokubhekisele kuNomaMpondomise noThobeka.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| NYANISO: | Iyamangalisa loo ndawo Langa yokuthi kanti umzi waseMaBheleni awunakusinika zwi ngenxa yokuba abantwana bengazani. Thina ubukho bethu apha sikho njengabazali bomfana, sazi umzi waseMaBheleni; size kubazali asizanga ntombini, koko ke size ngayo. Thina maHlubi sikholiwe ngumzi waseMaBheleni njengomzi esiwaziyo. Ngaphezu koko, sikholiwe yintombi yenu, kuba ukuba besingakholwanga,ngesingekho apha namhlanje. Qondani le nto ke lo mfazi simfunayo ngumfazi wamaHlubi. Lilonke ke ndithi MaBhele silapha; kwaye silapha nje size kucela ubulawu kuni. |
| MACEBO: | Xa nitshoyo ke Rhadebe nisithi anizanga ntombini nize kuthi, nithetha ukuthi siphosisile ngokubuza intombi ukuba iyamazi na umfana? |
| NYANISO: | Aniphosisanga nakancinane Bhele, nenze imfanelo, ndive kakuhle Bhele, lithi elam silapha asizanga ntombini size ngentombi. Loo nto ithethe ukuthi kuseyimfanelo ukuba mayivelelwe, kodwa ke izigqibo zethu zingenakho ukunqandwa yiyo kuba izelwe, iphantsi komthetho wabazali. Ngabo ababonayo amabakwenze ngomntwana wabo. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| MACEBO: | Hayi ke uyavakala Hlubi. Mawethu phendulani nanga amadoda eze kuni, wanikeni izwi. |
| NZONDELELO: | Hayi mna ngokwam andiboni sizathu esibanga amaHlubi ukuba singawaniki zwi, kuba eneneni umzi lo andululwa nguwo siyawazi. |
| MACEBO: | Hayi ke, maHlubi lo mzi wamaBhele uyanamkela kodwa ke phambi kokuba niphume nise ingxelo ... |

15.1 Xela ukuba ahlangene ngantoni amaHlubi namaBhele ngale mini ikwisicatshulwa. (2)

15.2 Ngqina ukuba uThobeka waba ngumfazi wamaHlubi ngokwenjongo kaNyaniso. (2)

15.3 Chaza umahluko kwindlela uMthetho noZwilakhe abatolika ngayo isiko lokubonela. (2)

15.4 Chaza ukuba ukwahlulelana kwamaxesha ezimbalini kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

15.5 Kusisigqebelo njani ukucelwa kobuhlobo ngamaHlubi emaBheleni? (2)

15.6 Xela udidi lwabantu olunokuzuza ngokufunda le ncwadi yedrama. Xhasa impendulo yakho. (3)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| GUGULETHU: | Okokoko lathi lahloma. Zifika nje iindudumo andisaseli. |
| JAJI: | Andikuva, utheth' ukuthini ngokuhloma nangeendudumo? |
| GUGULETHU: | Nditheth' ukuthi okokoko ubawo wathi wandinyanzela ngentombi kaMcothama, andizange ndibufake. Zisihla nje izigigaba andisaseli. |
| JAJI: | Ziphi izigigaba? |
| GUGULETHU: | Ukutshatiswa kwam ndingathandi, ukufa kwentanga yam uMzamo; ukufa komfazi wam ngenxa kabawo, kude kuze kuba sekufeni kukaThobeka nentsapho yakhe. |
| JAJI: | O, wawunomnye umfazi owawunaye? |
| GUGULETHU: | Ewe kaloku oyena mfazi ndandisekelwe yena nguThixo, olona bambo lwam, intombi kaLangeni. |
| JAJI: | Gugulethu khawukhe ubalise imbali yokwenza kwakho eli sikizi, uqale phantsi. |
| GUGULETHU: | Mhlekazi okokoko ndathi ndatshatiswa nentombi kaMcothama ndingayifuni andizange ndikubone ukonwaba emhlabeni. Yasoloko indidla le nto ngalo lonke ixesha. Zaqengqeleka iintsuku zazal' iiveki iiveki zazal' iinyanga, iinyanga zazal' iminyaka. Ndithe ndikuyo le ntlungu, sendabaleka ekhaya ndaya kuba seMthatha ndabona kugaleleka uThobeka apho eMthatha, into leyo eyatsho ndakhohlwa nayeyona nto mandiyenze, kwathi mandizibulale. Ndiphumile ngalo olo rhatya lokufika kukaThobeka ngeenjongo zokuba ndiye kuzeyelisela eMthatha emlanjeni litshabalale igama lam emhlabeni kungabuye kuphinde kubekho nto ithetheka ngam. Ndifike ndahlala eludongweni lomlambo uMthatha ndisezingcingeni. Ndifikelele kwingcinga yokuba ukuzeyelisela akusayi kucima gama lam uThobeka esaphila, <u>ngoko ke manditshabalalise yena nosapho lwakhe kuqala</u>. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.7 Xela isizathu sokuba uGugulethu athi wanyanzeliswa nguyise ngentombi kaMcothama. (2)

15.8 Chaza ukuba iindudumo zikuliphi inqanaba lesakhiwo sebali kulo mdlalo. (2)

15.9 Xela zibeziBINI izigigaba abhekisa kuzo uGugulethu ezikulo mdlalo ngaphandle kwezi azixelileyo kwisicatshulwa. (2)

15.10 Caphula isigama esisetyenziswe ngeenjongo zokutyhila ukuba lide ithuba engonwabanga uGugulethu. (2)

15.11 Ngqina ukuba isigqibo asithathileyo uGugulethu esinomgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa simkhokelele kwantshabalalo. (2)

15.12 Ucinga ukuba umbhali uphumelele ukutyhila ingxaki yokutolikwa gwenxa kwesiko nguZwilakhe kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Indlala ibe neziqhamo ezibi kule drama. Ngqina olu luvo ngokubhekiselele kuMamQhinebe noMaqhikizane.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

*(Kusemini ezilalini, emzini kaMaGatyeni. Kuhleli uMamQhinebe noMaGatyeni. Bathi besahleli, kuthi gqi mganyana uNondlela evela esikolweni.)*

| | |
|---|---|
| MAMQHINEBE: | Kanti ke Gatyeni ingathi ngowungazihluphi ngomntu ongasafuni kuthandazelwa. |
| MAGATYENI: | Awu watsho Qhinebe? Selukuphelele olo hlobo na ukholo mfazi? |
| MAMQHINEBE: | Ungandithandazela njani mna, usahlulwa kukuzithandazela wena ngokwakho? |
| MAGATYENI: | Inene, bendingazi ukuba umntu ukhe aphindele ekuqaqadekeni nokuba selekhule kangaka. |
| MAMQHINEBE: | Akukho ndawo irhuqa umrhaji ke apho MaGatyeni? Akukho ndawo irhuqa umrhaji apho? |
| MAGATYENI: | Hay' uxolo Qhinebe. Noko asingede sifune ukukhuphana amehlo ngento encinci kangaka. |
| MAMQHINEBE: | Into endize ngayo apha MaGatyeni, njengokuba sele ndize kudibana nokuthukwa nguwe nje, yile ndinecebo eliya kusenza sibe zezingawothiyo zona umlilo izityebi ezi. |
| MAGATYENI: | Uthini na Qhinebe? Thina sibe zizityebi? Nazityebi, eziya zona zingawothiyo nomlilo? Uthi andiphuphi kodwa? |
| MAMQHINEBE: | Akuphuphi tu. Ungaphupha njani uhleli? |
| MAGATYENI: | Ungazenzi iintsomi emini mfazi kuba uya kusuka uphume iimpondo, ndiyakuxelela. |
| MAMQHINEBE: | Asiyontsomi le ndikubalisela yona MaGatyeni. **Siza kuphuma aph'ezintwaleni, siphume kula matyotyombe ayeyethekayo sihlala kuwo, siyokuhlala neengingi phaya eNorth Crest.** |
| MAGATYENI: | Khawuze nalo khe silive eli cebo lakho. |
| MAMQHINEBE: | Ngapha kwaBhaca kukho umntu ofuna iintsana ezithengiswayo. |
| MAGATYENI: | Hayi bo! Uthini na MamQhinebe? |
| MAMQHINEBE: | Usana lulunye lishumi lamawaka eerandi mfazi. |

17.1 Xela ukuba bahlangene ngantoni uMamQhinebe noMaGatyeni ngale mini ikwisicatshulwa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.2 Ngqina ukuba lwamphelela ukholo uMamQhinebe ngokwentetho kaMaGatyeni. (2)

17.3 Chaza umahluko phakathi koMamQhinebe noSiqhiwu malunga nesinyobo. (2)

17.4 Chaza ukuba ukwahlulelana kwamaxesha ezimbalini kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

17.5 Tyhila isigqebelo esikwintetho kaMamQhinebe ebhalwe ngqindilili. (2)

17.6 Xela udidi lwabantu olunokuzuza ngokufunda le ncwadi yedrama. Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

*(Kungorhatya,ezilalini. Kungena uSiqhiwu, uSiphokazi noSirhezu, endlwini ehlala uSiqhiwu kwaMamQhinebe.)*

SIQHIWU: Imgwebile uMaqhikizane la mantyi, ayimteketisanga nje.

SIRHEZU: Indincedile. Umthandazo wam uviwe yiNkosi. La ntotholo iya kufela ejele. Ayisayikuze iphinde ibe sisiphazamiso phakathi kothando lwam noSiphokazi.

SIQHIWU: Ibe, Sirhezu ntanga, uphantse watshelwa zizicheku, ndiyakuxelela.

SIPHOKAZI: Asiyonyaniso ke leyo Siqhiwu.

SIRHEZU: Eyona nyaniso yeyiphi?

SIPHOKAZI: Ewe, Ndiyavuma, uMaqhikizane wayesele endihendile. Kodwa into endandiyifuna kuye yimali qha. Uthando lwam noSirhezu lona lwalungasokuze luye ndawo.

SIRHEZU: Ndibulela wena mna Siqhiwu ntangam. Ndiyayiva le ithethwa nguSiphokazi. Kodwa elaa xhego nalo alivalekanga loo mhlobo. Belingazi kumvumela uSiphokazi ukuba makamane ukuya kudimbaza imali nje kuphela phaya kulo, engayisebenzeli.

SIPHOKAZI: Ndicela siyiyeke le ncoko, kuba ke ingathi nizimisele ukuwanqa yonke into le, neningayaziyo.

SIRHEZU: Siqhiwu ndiyakucela ntangam, ngomso ube ngomnye wamangqina, siya kutshata kwaMantyi noSiphokazi.

SIPHOKAZI: Awu ke! Ungafikelela ezigqibeni ezikhulu kangaka ngam, ungagqithanga kum?

SIRHEZU: Okwesingaphi ukugqitha kuwe? Kanti umsesane lo wam usemnweni wakho uthetha ntoni?

SIQHIWU: Ndiya kuba lingqina emtshatweni wenu ngomso ntang'am Yitshay'isaqhuma, hleze kuvele omnye ukrebe esindasindeka yimali. Tyhini! *(Ekhupha incwadi esemvulophini epokothweni.)* Uyazi ukuba ndiphantse ndayilibala le leta?

SIPHOKAZI: Ubhalelwe zizinto zakho na wethu?

17.7 Xela isizathu sokuba kuthiwe uMaqhikizane akateketiswanga ngumantyi kwisigwebo sakhe. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.8 Chaza ukuba isigwebo sikaMaqhikizane sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali kulo mdlalo. (2)

17.9 Xela iindlela zibeMBINI ezimanyumnyezi zokunyoluka ezisetyenziswe kule drama, ngaphandle kwexelwe kwisicatshulwa. (2)

17.10 Caphula isigama esisetyenziswe ngeenjongo zokutyhila ukuba uSiphokazi ayisamonwabisi le ncoko ingoMaqhikizane. (2)

17.11 Ngqina ukuba isigqibo asithathileyo uSiqhiwu sokuxela uMaqhikizane simkhokelele kwimpumelelo. (2)

17.12 Ucinga ukuba umbhali uphumelele ukutyhila ukuba kuyingxaki ukusetyenziswa kwamacebo angekho mthethweni ukugxotha indlala? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2021**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-24.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'INTLIZIYO YAM' – C Nqakula**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isonethi ngokwayo iphalaza intliziyo isebenzise ulwimi lomxhelo. IOkthevi yale sonethi izisa kakhulu ubungxaki bentliziyo noxa imana ukuthi ntlo kwizinto ezilungileyo ezenzayo. Ikwatreni elandelayo isebenzisa uchasaniso ngokuthi imiqolo itshintshane omnye uzise ingxaki omnye uzise uncedo ukubonisa ukuxakwa komniniyo. Ivala ngekhaphlethi engumbuzo buciko otyhila impixano yomnini ntliziyo ngayo. Singabantu sivamile ukuyenza isixhobo sokucinga intliziyo.Kumbongo intliziyo inikwe iimpawu zobuntu ukuyimntwisa ngezenzo ezifaniswe nezabantu ezinjengokutyhola, ukubinza, ukukhaphela njalo njalo.

- **Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo –** Luchasaniso olubonisa izinto ezintle nezimbi ezenziwa yintliziyo kuba ungazibona ugaxeleka engxakini kanti iyakwazi nokukhupha kulo ngxaki. Ngokwalo mqolo intliziyo iyaguquguquka ithi ilutshaba lomntu ngokumtyhola, imvise kabuhlungu iphinde kwayona imsindise ngokuthi imphathele iindaba ezimnandi.
- **Hayi madoda! Unzima lo mthwalo** – isikhuzo esisebenze njengesikweko xa kusithiwa ngumthwalo. Sidala umfanekiso ntelekelelo womntu osindwayo ngenxa yeengxaki eza nazo engayazi neyona nto iyifunayo.

**Umkhonto olowe walubengu, awubinzi udale amanxeba afana...nawale ntliziyo** – kusetyenziswe ubaxo ukudala umfanekiso ntelekelelo wobungozi bentliziyo ngokuthelekisa ukubinza kwayo okugqitha nesona sikhali silolelwe ukwenzakalisa. Olu thelekiso lugqamisa impixano yokuba intliziyo ebimele kuba ngumsombululi ibe yiyona imbinzayo umniniyo ngeengcinga.

- **… awubinzi udale amanxeba afana nawale ntliziyo –** Sisifaniso esisetyenziselwe ukuthelekisa ubuhlungu obubalaseleyo obubangelwa yintliziyo bude bogqithe obomkhonto.
- **Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo...nangesifingo** –sisimntwiso esityhila ukuba intliziyo yomntu iguquguquka oko ngenxa yokulawulwa ziimeko ejongene nazo. Oku kuthetha ukuba akukho ukuqiniseka ngendlela ethi imphakele ngayo umniniyo. Ithi yakudibana neemeko ezinzima, iinkathazo namathandabuzo iqaqambe kakhulu inge iyambulala okanye amahlaba ayo abuhlungu kakhulu kunokuhlatywa ngomkhonto.
- **Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo –** Uvuthondaba oluvezwe ngokwakhelana kwamaxesha obusuku kude kuse ibetha ngesantya esinye ukubonisa ukungaphumli kwentliziyo xa isenza iingxaki ngokusebenzisa onke amaxesha obusuku ahlukeneyo ezithi zifike ngawo ingxaki eziza nentliziyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- **Lusindiso lwam; Intliziyo yam kukutshabalala –** Kusetyenziswe uchasaniso ukubonisa ukuba le ntliziyo inye iyakwazi ukukhupha umnikazi engxakini iphinde ibe kwayiyo emfaka kuyo.
- **Indikhaphela ezindleleni zobulungisa; -** Imbongi isebenzise usingiselo olusuka ezibhalweni ezingcwele ukubonisa amandla entliziyo ekukuqhubeleni ekwenzeni imisebenzi emihle.
- **Indikhaphela ezindleleni zobulungisa; Kanti nakwezingendawo iyandisa –** Luchasaniso olubonisa ubumbaxa bentliziyo ekwaziyo ukwenza okuhle kanti iyakwazi nokwenza okubi.
- **Mandiyithini ke le ntliziyo, Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?-** Le (khaphulethi) iqukumbela ngombuzo-buciko oxhokonxa iingcinga zomfundi walo mbongo malunga nobu buwexuwexu bentliziyo nokuphithanisa kwayo ngendlela emqhuba ngayo umniniyo.
- Kusetyenziswe umbuzo buciko obonisa ukuxakwa nokudideka zizenzo zale ntliziyo kuba kuyo yonke le nquleqhu ikwamxabisile umnikazi wayo.
- **imkhonza"** isimntwiso esiphuhlisa ukuba yenza kakuhle nokubi ngokuthunywa ngumnikazi ojika axakwe ziziphumo zokunqwena kwakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

**[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UMKHOSI WEMIDAKA – SEK MQHAYI –**

2.1 Kulindeleke ukuba bakhulule iziqithi zeFiji, bahlangule amaGala, banced'amaBhisiniya, bajije aMaMjiji'.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

2.2 SingamaBhritani maan, SingamaBhritan' ephelele. √√/ SingamaBhritani. √√ (2)

2.3 Ngumfanekiso ntelekelelo wesandi semipu esetyenziswa emfazweni.√√/Ngumfanekiso ntelekelelo wegwatyu elibakhuthazayo ukuya emfazweni.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

2.4 Kubethelela uluvo lokuba umkhosi uze ungoyiswa okanye bangafeli emfazweni√√/Kubethelela uluvo lokuba bazinikele ngamandla abo onke babuye nodumo.√√/Kubethelela uluvo lokuba alikho elinye ithemba isizwe sithembele kubo.√√/Kubethelela uluvo lokuba la madoda ngamathandazwe√√/ Kubethelela uluvo lokuba namagwala aqine angabuyi ngamva.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

2.5 Yimfundiso ngendima eyadlalwa nguMzantsi Afrika kwimfazwe yesibini yehlabathi.√√/ngokubaluleka kobuthandazwe.√√/Yokuba isizwe sithembele kubantu baso√√/Yokuba uMzantsi Afrika wathatha inxaxheba xa kwakukhululwa iziqithi zamaFiji,amaGala,namaBhisiniya√√/Yokuba abantu bayancedana nokuba ngabezizwe ezahlukileyo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

## 'UNOZAKUZAKU' – ZS Qangule

3.1 Ulindelwe yimbeko nemibuzo.√√ (2)

3.2 'Iinyawo zakhe ziluvil' uthuli lwendlela'.√√ (2)

3.3 Ngumfanekiso ntelekelelo womfo oliqina onamava.√√ (2)

3.4 Kufuneka awuqale awugqibe angawushiyi phakathi umcimbi awuhambelayo kuba nokuba sekude kwendiselwana uyaqhuba emanya la makhaya.√√ (2)

3.5 Yeyokuba uNozakuzaku ubaluleke kakhulu kumcimbi wobulawu√√/ Yeyokuqaqamba kwendima kaNozakuzaku ekumanyeni amakhaya awendiselanayo. √√/Yimfundiso ngemisebenzi kaNozakuzaku√√/Yimfundiso ngokulindeleke kuNozakuzaku√√/Yimfundiso Ngeemeko asebenza phantsi kwazo uNozakuzaku.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

## 'UMLAMBO – JJR JOLOBE

4.1 Umlambo unceda bonke abantu ngamanzi acocekileyo nabo bafuna ukucoca iziqu neempahla zabo bakwasebenzisa lo mlambo.√√ (2)

4.2 'Kanti akusoze, ubone kuncipha'.√√ (2)

4.3 Ngumfanekiso ntelekelelo wochulumanco nodlamko olukwizityalo zakufumana amanzi omlambo.√√ (2)

4.4 Ibethelela uluvo lokuba umlambo ushiya izityalo ebese zisifa ziphilile zidloba.√√ (2)

4.5 Imilambo inendima enkulu eyidlalayo kwimpilo yoluntu kungoko kubalulekile ukuyilondoloza.√√/Sifundiswa ngemisebenzi yomlambo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**BANTWANA BETHU! – IV Mtamzeli**

5.1 'Bayilwa ngentswelo yolwazi'√/Ngapha luyilo, ngapha kungazi,√ (2)

5.2 Kubantu abadala ilinge licetyiwe, kubantwana abanabantwana alicetywanga liqutyulwe.√√/Kukungacetywa kwalo mntwana wabantwana usuka abekho ekubeni ababantu abadala becetyiwe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.3 Ndiyabhong'andinazigxala.√/Ndakujong' akho kuchulumanca.√/Ndikhangela ngovakalelo√/Ndigixe lusizi novelwano. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

5.4 'Kwiindidi-ntlobo,Kwiintlobo-ndidi √
Lugxalathelwano lwamagama.√/Luphindaphindo lwezifanokuthi√
Kwii √Yimvano siqalo.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.5 Ngumyalezo wokuba abantwana mabayeke ukuba nabantwana besebancinci√√/Ngumyalezo wokuba abantwana mababe nezazela ngokuzala beselula.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iwonga alifumeneyo uMapheza ekupheleni kwebali apho abe ngogqwesayo ekuphandeni ngempumelelo ityala lokugetyengwa kukaMsindisi nokulwa nabophuli mthetho bade babanjwe kuyavuyisa kuba kuhlawula zonke iimeko ezimbi athubeleze phantsi kwazo.

- UMfezeko igama alinikwe ngumbhali liyamthuma ukuba yonke into ayenzayo ayifezekise kwaye ayenze ngokugqibeleleyo.
- Uye wathathela kuye izigqibo zokufezekisa nokuphumelelisa iminqweno yesipolisa siphela sokulwa nolwaphulo mthetho de asiphule nengcambu yalo.
- Oku ukwenza ngokuthi azinikele ekuphandeni engalali buhlayo ukuqinisekisa ukuba ababulali bakaMsindisi bayafumaneka kwaye bayavalelwa.
- Ityala ulithatha kuMfuneko owayefunge wamunc'iintupha ukuba uza kwenza onke amatiletile okunyusa iqhina abo baza kuphanda eli tyala.
- UMfezeko akabhabhazeli ungumyebelelana osebenzela ukufezekisa izifungo awazenzayo zokukhusela uluntu.
- UMapheza akajikwa yinkcazelo abayinikwa nguMfuneko yokuba uMsindisi ubulewe kuba ebesala ukunikezela ngemoto yakhe. UMapheza uyicacisa mhlophe into yokuba eyona njongo ibikukubulala ngokubona indlela ebidlakadlaka ngayo imoto kaMsindisi.
- Uyafunga uMapheza de aleke ngamazwi athi umqol'uphandle kwezo zikrelemnqa kwaye ukuba zisahamba phakathi kwabantu azilibonanga eliwinayo. Ezi zifungo zimveza njengomntu ofunga angajiki kwaye ongoyiki ngokoyikiswa nangona selunyukisiwe nguMfuneko ngaba babulali.
- UMapheza ulipolisa eliwaziyo umsebenzi walo kuba kukho iimpawu athi aziqwalasele kuThantaswa ezifana nokungcangcazela kwezandla, ukugushugushuza nokubila. Oku kuyamkrokrisa uMapheza umbona uThantaswa njengomntu onento ayaziyo ngokufa komyeni wakhe.
- Iphupha elithe lamfikela uMfezeko ephupha elele esibhedlele uHlengiwe ekhala ecaleni kwakhe limkrobisa kububi bokudliswa ityhefu obuza kumehlela.
- Ukugqogqwa kwendlu yakhe yena elele ngandletyananye esibhedlela ngooSixaki befuna into enokuphazamisana nolu phando luyaphanza kuba babuya ze. Oku kutyhila ukuhlakanipha kukaMapheza kuba nangona inguye ipolisa eliphambili kolu phando iinkcukacha zakhe zolu phando uzigcine emfihlakalweni.
- UMapheza ngumaphuncuka bemphethe usinda ngezikasibi ekubulaweni nguSiphongo ngovutha.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Unombulelo kumntu omenzele okuhle kuba uyamvuza uNontsikelelo owathi wamsindisa ekutshatyalalisweni nguSiphongo.
- UMapheza uliphanda ityala lokubulawa kukaMsindisi ngempumelelo kuba bonke abachaphazeleka kulo bayafunyanwa ngokuloqa kukaSixaki.
- Abangcatshi bakaMapheza ooZalala nooNqoza bayaguquka kuba bade bayibone inyaniso kwaye batyhilelwe ngoku ukuba eyona nyoka nguMfuneko hayi uMapheza.
- Abayili bamayelenqe bewenzela uMapheza baphela besifa uThantaswa udubula uMfezeko aze naye azidubule.
- Oku bubungqina bokuba iwonga abeliphathisiwe uMapheza liye lahambelana nezenzo zakhe kuba kwasekuqaleni uzibonakalisile ukuba ulipolisa elimele inyaniso kwaye akathengisi ngayo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Kwisikhululo samapolisa√/kwihlathi laseBika√/KwaSiphongo.√/kwiiofisi zamagqwetha ezinoMdlambila√/endlwini kaThantaswa apho wazidubula khona noMfuneko.√
(Naziphi na ezintathu kwezi) (3)

7.2 Ngamazwi asetyenziswe nguThantaswa ngexesha amtsalela umnxeba emxelela ngomsebenzi owenziwe ngempumelelo ngabafana ebebebathumile.√√ (2)

7.3 Simtyhila uMfuneko njengomlinganiswa onganyanisekanga emsebenzini wakhe wobupolisa√ kuba usebenzisana nabaphulimthetho kodwa ulipolisa.√/ Simtyhila njengomlinganiswa onesazela √kuba esazi ukuba le nto ayenzayo ayikho mthethweni kungoko ebhekabheka phambi kokuhla kwakhe emotweni.√/Simtyhila njengomlinganiswa onamava okuphazamisana nomthetho√ kuba uyabhekabheka phambi kokuhla emotweni. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.4 Kukuba nguye othengele uMsindisi ababulali ngoku isekwanguye okhalayo.√√ (2)

7.5 Sisenzo sokuthengwa ukuba adukise ityala lokubulawa komyeni kaNompumelelo.√Ukufika kuqala kwindawo yesehlo afowunele amapolisa ezenza owothukileyo sisenza esi ayinxalenye naso. √ (1)

7.6 Kukubiwa kukaMapheza nguNqoza esibhedlele.√/Ukugqogqwa kwendlu kaMapheza ngooSixaki.√/Kukutshiswa kukaSakhiwo nguSiphongo ecinga ukuba utshisa uMapheza.√/Kukufumanisa kukaMapheza kuBhangqo ukuba ngoobani ababulali kwakunye nenkcukacha ngolwaphulomthetho ethaveni√
(Nasiphi na isithathu) (3)

7.7 Kukukhuthalela icawa nokuthanda akhathalele abazali bakaMsindisi.√/Kukuzinikela kuThixo. √ (1)

7.8 UThantaswa wafumana isohlwayo ngokuzibulala yena noMfuneko xa engaphumelelanga kumalinge okufumana iimali zikaMsindisi.√/Abantwana aye wakhawulwa ngabo emtshatweni khange balunge.√/ Akakhange ayifumane imali abeyizama nangoku sele encediswe nguMdlambila.√/Ukuphelelwa kwakhe ngamahlathi okuzimela akugxothwa

Downloaded from Stanmorephysics.com

uMfuneko emsebenzini.√ (3)

7.9 Wathandaza wade walila ngoku akuloMsindisi.√ Wathandaza wade walila nangemini uMsindisi awayeza kubulawa ngayo.√ (2)

7.10 Ngumfanekiso ngqondweni weliso√ kuba kuvuseleleka imizwa yokubona xa elila ethandaza.√

Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe√ kuba ukulila kuvakala ezindlebeni.√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.11 Sisifaniso√ sakhiwe ngesakhi sifaniso u'oko'√ (2)

7.12 Ulwaphulomthetho alunambuyekezo.√√/ ulwaphulomthetho lunesohlwayo.√√ (2)
**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iwonga alifumeneyo uThole ekupheleni kwebali apho aphela esiba ngumfundisi ophum'izandla kwezakwalizwi ebalini ulifanele,kuba simbona engengomfundisi nje koko emanywa notata wakhe awohlukana naye kudala oku kuyavuyisa kuba kuhlawula zonke iimeko ezimbi athubeleze phantsi kwazo.

- Umntu ngamnye uthi ukuze afumane iwonga abe ulisebenzele.Iwonga lihambelana nemisebenzi ekhatshwa yinzondelelo kunye nomonde ngamaxesha onke, ukungatyhafi endleleni ozikhethele yona nokuyiqonda into yokuba iwonga alizi simahla koko liyasetyenzelwa.
- UThole naye udlule kumanzithinzithi obomi ekukhuleni kwakhe, walahlekana noyise esemncinci ukuze unina agoduke naye aye eZazulwana apho sidibana naye khona.
- Uqala isikolo sele emdala kodwa ngenxa yenzondelelo anyamezele ekhuthazwa nakukuqhuba kakuhle kwizifundo nasemidlalweni.
- Siphinda simbone uThole eseSinaleni eDikeni ezinikele kwizifundo zakhe, ibanga lakhe lobutitshala uliphumelela emagqabini ade enziwe umphathi wamakhwenkwe kunyaka wesibini elapho.
- Ude wawongwa ngenxa yokusebenza ngokuzimisela kwakhe ngenyhweba yokufunda ibanga elilandelayo eliyiMatric ngaphandle kwemali, eli wonga ke beselingasafunyanwa mfundi.
- Ngaxesha nye uThole uzinikela enkonzweni ade athandwe ngumfundisi uSheperd.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Simbona uThole efumana inyhweba yokuba ngusihlalo weS.C.A engumlawuli weenkonzo zesiXhosa.
- Eli wonga limenza ibe nguye owaba abafundi kunye nootitshala amabashumayele kwiinkonzo zasemva kwemini abafundisi nabashumayeli abasuka ngaphandle kanti bakwamenywa kwanguye.
- Wenza into engumnqa uThole yokuba agqobhoze abafundi abaninzi eSinaleni ngenxa yeentshumayelo zakhe.
- UThole uzibalula nakumbutho wengxoxo, Debating Society, utsho ayokumela abafundi eKapa nalapho uphuma emagqabini ade anyulwe ayokumela uMzantsi Afrika eNgilane.
- UThole uchukunyiswa yintshumayelo kamfundisi uMaqoma atsho akhumbule umfundisi owayenqanda abantwana besilwa athembise ukuba naye akuba mdala uya kufana nalo mntu.
- Ezi ngcinga zizo ezimenze wathundezeka xa umfundisi Maqoma efuna abantu bokuzinikela ebufundisini,wazibona sele ephakama kanti ngokwenjenjalo uvulele isihlanu sonke samadoda ekucaca ukuba sijonge kuye.
- Uphumelela emagqabini uThole kwingqungquthela eNgilane ade awongwe ngekhephelele letshekhi yamakhulu amahlanu eeponti.
- UThole akoneli yindawo azibona ekuyo koko uqhubeka nezifundo zakhe zeB.A nalapho uphumelela ngaphandle kwamagingxigingxi wathiwa jize ngomsila wokuba ngumakhwekhwetha kwezakwaLizwi.
- Ngexesha aseNgilane sombona uThole efumana inyhweba yokuhamba amazwe ngamazwe nto leyo emncede kumqulu wakhe wencwadi watsho waphumelela iM.D.
- Incwadi ayibhalayo ethi, 'The Supreme being' imnceda ekubeni iinkcuba-buchopho zibone ukuba ufanelwe kukuthiwa jize ngokuwongwa ngomnye umsila emfundweni yakhe kuthiwe nguGqirha-lwazi.
- Ubonakala uThole enxubela ikhaya afike amkelwe ngezandla ezishushu, kuma idolophu yaseRhawutini yonke, ubethelwe imali nangongathathi ntweni ngenxa yemincili abantu abanayo.
- Uthi xa ebuya eNgilane atshate isithandwa sakhe seminyaka uThozama ebesisoloko simxhasa kuwo onke la mahla ndenyuka ebedlula kuwo uThole.
- UThole uyazinikela ukuyokuba ngumfundisi eGeorge Goch, ndawo leyo edume ngokuwisa abefundisi.
- Uwenza ngempumelelo umsebenzi wakhe wobizo kanti oku kuzinikela kwakhe eGeorge Goch kumenzela ithamsanqa lokuhlangana kunye noyise awohlukana naye esemncinci.
- UThole uhlonitshwa sisifundisi sonke ngenxa yokutshintsha indawo ebingumqwebedu itsho ibengumhlaba ovundileyo.
- UThole wakha icawe yaseGeorge Goch athi esakugqiba acinge ngokugoduka aye kuCentane ayokondla izimvu zikaThixo khona, nalapho ufika amkelwe ngendlela engumangaliso luthotho lwabefundisi.
- UThole simbona esakha icawe yakowabo kwatsho kwavela namanye amahlumela eenkonzo zaseWesile.
- Iwonga alifumeneyo uThole liyabonakala ukuba alisukanga lavela bumini koko lihambelana nemisebenzi yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 EDikeni esikolweni.√/ George Goch.√/ EOxford.√ (3)

9.2 Ngokuthi kwakuvunywa ingoma yecawa esele akhale aze aye enyusela ukukhala ngokuye kungenelela nabanye abantu engomeni.√√ (2)

9.3 Simtyhila njengomlinganiswa ongenaluvelwano ngomnye umntu√ kuba nangona ebona ukuba uThole usentlungwini yena uhlekisa ngaye.√/ Simtyhila njengomlinganiswa ongaqeqeshekelanga kuyo inkolo yobuKrestu√ kuba nangona eyazi ibhayibhile uyisebenzisela ukudlala ngayo esenza okuchasene nayo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.4 Kukuba akukho bani oyaziyo into ayikhalelayo kwaye akathethi usuka atsho isikhalo.√√ (2)

9.5 Sisenzo sokuthi xa esela utywala abe nobubele bokununusa nabanye√/ sisenzo sokubusela utywala ngoku sele engcangcazela.√/sisenzo sokuba obu tywala abununusa abantu akabununusi nganjongo zimbi ubanika ngentliziyo entle kodwa bube neziphumo ezibi kobuselayo. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

9.6 Sesokubethwa kukaThole nguJoe neqela lakhe.√/ Sesamaphupha amabi azingileyo awayemana ewaphupha.√/Litheko langokuhlwa lokuvuyisana nokumanyana kukaMangaliso noyise uMkwayi.√ (3)

9.7 Kukuphumelela emagqabini kukaThole kwizifundo zakhe zobufundisi.√ (1)

9.8 UThole uthe ezalwa ngabantu ababomvu wagqwesa ezifundweni wade wangumfundisi.√/Uhamba ayokumela abafundi bakwaNokholeji kukhuphiswano lweengxoxo.√/Ungenela izifundo zobufundisi nazo aziphumelele ade ayokuma kwiPhD. √ (3)

9.9 Kuqaqambisa ukuba bangabantu abaneentliziyo ezintle abangenamona.√√ (2)

9.10 Ngumfanekiso ngqondweni weliso √kuba kuvuseleleka imizwa yeliso√/kuba ngathi ulibona ngeliso eli bhotwe likhulu.√ (2)

9.11 Sisifaniso √ kuba sisebenzise isakhi sesifaniso esingu 'njenga'. √ (2)

9.12 Impumelelo isentabeni√√/imfundo ayigugelwa√√/idayimani icholwa ethulini.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo*.*

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iwonga alifumeneyo uMfazwe ekupheleni kwebali apho aba ngomnye wabalweli bopolitiko abasindayo nabaphumelelayo ebalini ulifanele,kuba simbona eyijaji echophele amatyala oku kuyavuyisa kuba kuhlawula zonke iimeko ezimbi athubeleze phantsi kwazo.

- UMfazwe uthubeleza kwimeko yokubanjwa nokubethwa ngamapolisa amele icala lengcinezelo xa yena eyititshala eFunda ehlohla ezembali,uye asebenzise esi sifundo sakhe ukurhabulisa abantwan besikolo ngemeko yengcinezelo egqubayo kweli loMzantsi Afrika.
- Ukubanjwa kwakhe kunye nabanye ootitshala, uye abonwe ngamapolisa njengomntu onokuba nceda njengempimpi yabo apho aza kuthutha zonke iindaba zokucetywayo kunye nokwenzekayo kwilokishi yabo.
- Oku kubangela ukuba abonwe esohlika kwiveni yamapolisa nalapho uFriday esebenzisa eli thuba lokuthi amthelekise nabantu bakwaQaka amtyhole njengempimpi yamapolisa.
- Utshiselwa ikhaya lakhe azibone yena esisibhadu bhadu.
- UFriday uzisondeza ngakumbi kuNokuzola oliqabane likaMfazwe ukuze uMfazwe akholelwe ekubeni kukho into eqhubekayo phakathi kwesi sibini.
- Xa esiya kwiintlanganiso zasekuhlaleni uye agxothwe okomshologu abethwe nokubethwa ngabantwana awayebafundisa ngokufunzwa nguFriday ukuze nabo bakholelwe ukuba ungungcothoza.
- Ubalekela kwaTata uGaba xa esuka emngcwabeni kaKK nalapho agujululwa khona nguFriday neqela lakhe ngeenjongo zokumbulala uye asinde.
- Ukubona ingozi yemoto eyiCressida nalapho eva iincwina zabantu uye enze iinzame zokubasindisa nalapho kuye kucace ukuba ngumsebenzi omdaka kaFriday.
- Ubonwa nguMfundisi uHlathi ukuba uqongo ligazi, kulapho amcebisa khona ukuba aqhweshe kuba esazi ukuba uFriday uza kulosulela kuye ityala lokubulawa kwabo bantu.
- Uthabatha isigqibo sokuqhwesha ahlangabezane nemingeni emininzi ngakumbi eyokuzama ukuphepha amapolisa angambambi okanye amdubule.
- Uya elubhacweni eMthontsi ngeenjongo zokuba ngomnye wabalweli benkululeko kuze abantu abamnyama bakhululeke kwingcinezelo.
- Ukubaleka kwakhe amapolisa ekhwele uloliwe kumenza ukuba athathe isigqibo sokuhamba ngeenyawo agwegweleze ngentaba ukuzimela amapolisa.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ukudibana kwakhe nomzingeli kumnika amandla nenthemba lokuqhubekeka nohambo kuba kulapho afumana khona amafutha wokuba aziqabe wona xa egaxeleka ebubini kunye nomqwayito wokumgcina ukuba angalambi asoloko esemandleni.
- Udibana nokudutyulwa apho ngabantu abamcingela ukuba uyenye yeentlola nguKhonjwayo neqela lakhe.Uchanwa emlenzeni aphele ejingxela.
- Ukufika kooSiphiwo awayebafundisa ufumana iindaba ezibuhlungu zokubhubha kwabazali bakhe kunye noNokuzola.
- EMthontsi usetyenziswa njengomncedi wolutsha nalapho ebesoloko elunqwanqwadela ukuba lufunde.
- Uyasinda mhla umkhosi weli loMzantsi Afrika utshabalalisa iMthontsi ngokuhlasela ngenqwelomoya, uye adlale indima yokurhuqela abantu emngxunyeni ngeenjongo zokubasindisa, baye basinde beliqaqobana abanye bedutyulwe neMthontsi itshatyalalisiwe.
- Kuvulwa imlomo imibutho yezopolitiko nokukhululwa kwabaseluvalelweni baye ooMfazwe babuyele nabo emakhaya.
- Ufika apho eyijaji echophela ityala likaFriday, nalapho adibana khona noCikizwa ehamba nendodana yakhe uZibuye.
- Le mpumelelo newonga alinikwayo njengejaji nehlonipho ayifumanayo njengethandazwe elilwele inkululeko ibonakala imfanela kuba konke oku ukufumane ebunzimeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Kwisikhululo samapolisa ngamapolisa.√ Kwiholo yakwaQaka kwintlanganiso yabahlali √ Kwindawo yaseThongo. √ (3)

11.2 Ngokuthi abonwe nguMfazwe egqugula nepolisa elimhlophe emotweni awayezakukhwela kuyo umfazwe nalapho wayejijwa ingqondo yokuba abe ngungcothoza wamapolisa.√√ (2)

11.3 Imtyhila njengomlinganiswa onenkathalo.√ kuba wayekhathalele uMfazwe ngela xesha esezingxakini zokulandelwa ngabahlobo bakhe besithi uyimpimpi wade wamcebisa ukuba abhace.√ (2)

11.4 Kukuba wayeyifumana phi kuba yayibonakala ininzi ezula kumazwe aphesheya ngayo kananjalo ekwazi ukunceda abahlelelekileyo njengoMfazwe kwizifundo zakhe.√√ (2)

11.5 Zizabatha aphumelele kuzo ngexesha eselubhacweni.√/Ukukhuthaza kwakhe ulutsha ukuba lufunde ngexesha eseMngazi.√
(Nasiphi na kwezi) (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.6 Sesokusinda kukaMfazwe mhla uFriday neqela lakhe befuna ukumbulala. Sisehlo sesijwili esikrakra esasiphuma kwesinye sezisele.√/Sesokubulawa kukaKK ngamapolisa aze athi uzixhomile.√/Sesokubulawa kwabantu kwiCressida√/Ukugityiselwa kweziqhushumbisi endlwini kamfundisi uHlathi.√Ukubhaca kukaMfazwe.√
(Nasiphi na isithathu esichanekileyo ngokwasencwadini.) (3)

11.7 Kukubhubha kabuhlungu entolongweni kweqhawe elinguKK kukrokreleleka ukuba ubulawe ngamapolisa ze athi uzixhomile.√ (1)

11.8 Kwavuka uqhankqalazo olwavusa uqhushululu olwaxaka nabaphembi bodushe.√/Ukunqanqaza komlilo kuyo yonke indawo√. Ukukhutshelwa komsindo kuyo yonke into ebizwa ngorhulumente namangwangqa.√/ Ukugityiselwa nokutshiswa kweemqwelo zemisebenzi ezazisezilokishini.√/ Ukutshiswa kwesikolo iFunda.√/Ukubhaca kwamapolisa eshiya amakhaya awo ebaleka ukubulawa.√
(Nasiphi na isithathu) (3)

11.9 Lixesha lengcinezelo.√/Lixesha laphambi kokuzuza inkululeko√ kuba ukuwa kwegorha ebelilwela inkululeko kunxulumana nezehlo zelxesha lengciinezelo.√ (2)

11.10 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe√/wokuva kuba isandi somlilo ovuthayo sivuselela imizwa yokuva.√/kuba uba ngathi usiva ezindlebeni isandi sokunqanqaza komlilo. √ (2)

11.11 Sisaci √ kuba intsingiselo yaso ifihlakele. √ (2)

11.12 Ngowongquzulwano oluphakathi kwabantu abalwela amalungelo abo namapolisa.√√/Yimpumelelo kaMfazwe awayifumana emva kokungcungcuthekiswa ngamapolisa norhulumente wengcinezelo waseMzantsi Afrika.√√ (2)
**[25]**

**UMBUZO 12: UMBUZO OMDE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iwonga alifumanayo uGxuluwe kuluntu lihambelana nezenzo zakhe zenzo ezo eziqhutywa bubukrelekrele bengqondo kunye noSteve Biko oye wangumlweli wenkululeko USteve Biko naye ufumana iwonga kumemi bomzantsi Afrika nalapho kuye kubekelwe bucala usuku awabhubha ngalo njengisikhumbuzo sobugorha bakhe bokuba lithandazwe nokulwela inkululeko yabaMnyama.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- UGxuluwe ungumzingeli owaziwayo nobesele ephumpheke neminwe kukulwa nokuhlaselwa ziingulube ebehleli esilwa nazo.
- Ukudibana kwakhe naBathwa bembuza ukuba ungumntu waphi usebenzisa ingqondo ngokukhawuleza ukuze aphendule ngelithi ungowakwaNdlambe endaweni yokuba azibize umRharhabe kuba esazi uza kubulawa kuba beziintshaba.
- Ukuncazwa kwakhe indarha ethandwayo ngaBathwa kumenza acinge icebo lokuba uyishiye ekhaya ukuze athume uKhweza ukuba aze nayo ze amqobele iliso lokuba angabi sabuya.
- Abathwa baboleka izikhali zakhe ngeenjongo zokuba angaxhobi, khange athandabuze wazinikezela waza waphinda waziboleka ngelithi ufuna ukunqwemela izinja zakhe apha esikhumbeni senyathi ayibuleleyo.
- UGxuluwe uboleka iintshuntshe zakhe ngenjongo zokuzilola kuba esithi zibuthuntu wahlala phantsi wazilola zabukhali kakhulu, eli yayililinge lokufumana indlela yokuzikhusela xa bemhlasela.
- Ukulinda kwabaThwa indarha engade ifike kubangela ukuba abathwa boyiswe bubuthongo balale ze bayalele iintwana ezimbini ukuba zibagade.Ukoyiswa kwabo bubnuthongo kubangela ukuba uGxuluwe afumane ithuba lokuhlasela.
- Uhlasela ngentshuntshe ezi ntwana zimbini zalala kobandayo, ukuzuza kwabo uloyiso kubangela ukuba bavuye bebonga izikhali zikaRharhabe.
- Olu loyiso lubangela ukuba angalibaleki uGxuluwe kwisizwe sikaRharhabe nobesoloko esinda kwizinto ezimbi.
- Yimbali eyaziwayo nebizwa ngokuba nguZikhali –maZembe nabaThwa.
- USteve Biko naye ufumana iwonga kubemi bomzantsi Afrika nalapho kuye kubekelwe bucala usuku awabhubha ngalo njengesikhumbuzo sobugorha bakhe bokuba lithandazwe nokulwela inkululeko yabaMnyama.
- Imbongi kulo mbongo iyibeka icace ukuba wayelithandazwe elifundileyo nelathi labhubhela etrongweni kusithiwa uzibulele kwaza kwavakala mva ukuba wabulawa ngamapolisa engcinezelo.
- Iwonga alinikwayo nentlonipho ibonisa ukuba izenzo zakhe zokulwela inkululeko azinakuze zilibaleke.
- Yiyo loo nto kukho iindawo nezitrato ezithiywe ngegama lakhe uSteve Biko.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI SWANA MMI nabanye**

13.1 Wababekela umqathango wokuba bayeke ukuthakatha√/balahle ubuthi√/ bayeke ukukrexeza√/Ingulowo nalowo makabule echaza konke okubi nokuyinkohlakalo awakha wakwenza.√ (3)

13.2 Uwaveza njengabantu abakholelwayo kwiziprofetho zikaNxele zokuba baza kujika babe ziinkuni, iimbovane namawa ukuba izandla zabo zisoloko zixhaphe igazi.√√ (2)

13.3 Simtyhila njengomlinganiswa olixoki√ kuba akukho nasinye isiprofetho sakhe esaye saphumelela.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.4 Kukwazi ukuba ababhubhileyo baza kuvuka ade azi nolwandle abaza kuvukela kulo.√√ (2)

13.5 Bazimasa umcimbi kuba besoyika, behamba benqula bekhahlela kuyo yonke imilanjana. √√ (2)

13.6 Ukuza kukaNxele.√ Kuba isaci sithetha ukuba into soze yenzeke najengoko sakhelwe kwiziprofeto zikaNxele ezingazange zizaliseke.√ (2)

13.7 Ngowokuba iinkolelo zingasilahlekisa isizwe.√√ (2)

13.8 NguMaNyawuza wasemaMpondweni.√√ (2)

13.9 Sisikweko√ kuba kusetyenziswe uthelekiso olungathanga ngqo.√ (2)

13.10 Yeyomntu onobuso obucwengileyo osoloko enoncumo kwaye uthetha kamnandi.√√ (2)

13.11 Ngumfanekiso ngqondweni weliso √kuba kuvuseleleka imizwa yeliso√/ kuba ngathi umbona ngeliso umnntu oxwaye ibhozo.√ (2)

13.12 Ukusetyenziswa kwesikhahlelo√√/umongo uncoma inkosi.√√/indlela ovale ngayo umbongo ethi, Ncincilili√/ukusetyenziswa kwezikweko√/imbongi yazi imbali yesizwe. √
(Naziphi iimpawu ezimbini zesibongo ezichanekileyo ngokwesicatshulwa) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umbhali usebenzisa abalinganiswa uNomaMpondomise noThobeka ukuphuhlisa ukunyanzelwa kwesiko kuneziphumo ezibi.

**NOMAMPONDOMISE:**

- Ukunyanzelwa kukaGugulethu ngomtshato kube neziqhamo ezibi ngakuMcunukelwa mhla uNomaMpondomise akhupha iinkomo zakhe ngethemba lokuba uza kungenisa ezikaGugulethu.
- Isenzo sokukhupha ezi nkomo sikhokelela kungqzulwano lukaNomaMpondomise

Downloaded from Stanmorephysics.com

nabazali bakhe kuba beyibona njengenyala le ayenzayo.

- Oku kunyanzelwa kukaGugulethu ngomtshato kudala ububi ngemini yomtshato mhla umlingane wakhe uMzamo ahlatywa abhubhe.
- Ukuhlatywa kukaMzamo kukhokelela ekupapashweni kolu daba kwinqaku lephephandaba 'Imvo ZabaNtsundu' nalapho lifundwa nguNomaMpondomise azuze ulwazi lokuba uGugulethu utshatile.
- UNomaMpondomise ukhala esofelweyo ecela uxolo kubazali bakhe ngesenzo asenzileyo sokukhupha iinkomo zingekho ezingenayo.
- Ukumangalelwa kukaGugulethu nguNomaMpondomise kwinkundla yamatyala eMthatha kubonisa ukuhlupheka kukaNomaMpondomise ngesenzo sikaGugulethu sokwaphula isithembiso somtshato.
- Ukujuba kukaNomaMpondomise enkundleni ze akhutshwe phandle kumnika ithuba lokuba abaleke aye emlanjeni ayokuzintywilisela.
- UNomaMpondomise uphela elixhoba lokunyanzelwa kukaGugulethu ngomtshato ngabazali bakhe.

**UTHOBEKA:**

- UThobeka unikwe igama ngumbhali walilandela. Uthe ngokuthobeka walixhoba lokunyanzelwa kukaGugulethu ngomtshato ngabazali bakhe.
- Nangona ethe akuba efikile amaHlubi eMaBheleni ezokucela ubulawu, wabizwa uThobeka ebuzwa ngezi ndwendwe njengesiqhelo ukulandula kwakhe khange kujike nto koko iingxoxo zokumtshatisa ziye zaqhubekeka.
- UThobeka uphalaza imbilini yakhe kunina esithi akanakho ukutshata nomntu angazange athethe nokuthetha naye kwaye utsho ebalumkisa ukuba ze bayilumkele le nto bayenzayo. Uyambonisa ukuba kumelwe ilizwi labo lisatyelwe kuqala xa kuthathwa izigqibo ngabo. Kwaye uyamxelela ukuba amaxesha ngamanye isiko lokubonelwa alisalilungelanga ixesha langoku kwaye alakhi koko liyachitha.
- Ukungena kukaThobeka emtshatweni angawufuniyo kuba ungayazi indoda atshatiswa nayo.oko kubangela ukuba uGugulethu angaphenduli nazinye izithembiso azichazelwa ngumfundisi nalapho angafuni nokutyikitya isiqinisekiso somtshato.
- UGugulethu uphela elifulathela ikhaya esingisa eMthatha emshiya uThobeka ekhayeni kuba engamthathi njengenkosikazi yakhe.
- UThobeka uhlala iminyaka emzini wakhe ngaphandle komyeni wakhe kutsho kuzalisekiseke intetho kaNyaniso yokuba uThobeka uza kuba ngumfazi waMaHlubi.
- Isijoli esiye sathunyelwa eMthatha kuGugulethu ukuba abuye azo kukhathalela umfazi wakhe safa namthanyana kuba uGugulethu walitsolisa elokuba yena akanamfazi unguThobeka.
- Ukuthunyelwa ngenkani kukaThobeka kuGugulethu ongamfuniyo sele ehamba nabantwana abathathu kukhokelele ekubulaweni kabuhlungu kwabo nguGugulethu belele.

Umbhali uphumelele ukusebenzisa uNomaMpondomise noThobeka ukuveza iziqhamo ezibi kule drama ezibangelwa kukunyanzeliswa kukaGugulethu ngomtshato. Bobabini aba balinganiswa ubomi babo bube bobungcungcuthekayo de baphela. UNomaMpondomise owala isoka sele limlobole kuba enethemba likaGugulethu uphela ephoxwa nguGugulethu engawufumani naloo mtshato. Yena uThobeka ngenxa yokuthobeka kwakhe uzibona engcungcutheka esafika emtshatweni kanti akuphelelanga apho ufa kabuhlungu ngezembe nabantwana bakhe engakhange

Downloaded from Stanmorephysics.com

alufumane ulonwabo. Ukunyanzelwa kukaGugulethu ngomtshato khange kubuphucule ubomi babo,endaweni yoko ubomi babo bajika baba yincindi yekhala kuba ixesha ebebephila kulo belingahambisani nokunyanzelwa.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WT Tamsanqa**

15.1 AmaHlubi azokucela ubuhlobo emaBheleni. √√/AmaHlubi aze ngezobulawu.√√ (2)

15.2 Ndiyangqina kuba wahlala emzini wakhe bada baphela ubomi bakhe.√√ (2)

15.3 UMthetho ulitolika isiko ngohlobo lokuba ulutsha lunikwe ithuba lokuzikhethela baze abazali benze inkqubo yokucela ubuhlobo kanti uZwilakhe ulitolika ngendlela yokuba kufuneka umfazi abonwe nguye kucele yena kuba esithi uqamele ngesiko.√√ (2)

15.4 Kuye kwadala ukungavisisani ngeembono phakathi kwabadala nolutsha naphakathi kwabasele bekhanyiselwe nabangakhanyiselwanga.√√ (2)

15.5 AmaHlubi aya ngenjongo yokucela ubuhlobo emaBheleni zaze iziphumo zakukubulawa kwentombi yawo kwangamaHlubi.√√ (2)

15.6 Ngabantu abanyanzelisa abantwana babo batshate nabantu abangabathandiyo √ kuba ukunyanzelwa kukaGugulethu ukuba atshate noThobeka kwaphelela kwinyhikityha yokufa. √√/Ngabantu abangakwaziyo ukuzigqibela ngengomso labo√ kuba uThobeka waphela ebulawa kuba wayekela abazali bakhe ukuba bamthathele isigqibo sokwendela kwisoka angalaziyo.√√/Ngabantu abasombulula iingxaki zabo ngokuzibulala nangokubulala√ kuba uGugulethu waphela efumana isigwebo sentambo akusombulula ingxaki yakhe noZwilakhe ngokubulala uThobeka.√√/kuba uNomaMpondomise wazibulala ngenxa yokungafuni ukujongana nehlazo. √√
(Nayiphina impendulo echanekileyo) (3)

15.7 Kukuba yena Gugulethu wayengafuni ukutshata noThobeka kuba yayisele ikhona intombi enguNomaMpondomise ayithembise ngomtshato.√√ /Kukuba uGugulethu akazange alinikwe ithuba lokuveza ezakhe izimvo malunga nale ntombi awayikhethelwayo. √√ (2)

15.8 Zikwinqanaba lovutho-ndaba.√√ (2)

15.9 Ukufa kukaManyawuza.√/Ukufa kukaMagaba.√/Ukuzeyelisela kukaNomaMpondomise emlanjeni.√/Ukuthunyelwa kukaThobeka nabantwana kuGugulethu eMthatha.
(Nasiphi na isibini) (2)

15.10 Zaqengqeleka iintsuku zazal' iiveki, iiveki zazal' iinyanga, iinyanga zazal' iminyaka.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.11 Isigqibo sokubulala uThobeka nabantwana bakhe samkhokelela ekufunyanisweni enetyala waza wafumana isigwebo sentambo.√√ (2)

15.12 Umbhali uphumelele kuba uzivezile iziqhamo ezibi ezifana nokufa kwabantu abaninzi ngenxa yokuba uZwilakhe esithi uhloniphe isiko. √√/ Umbhali uphumelele kuba uZwilakhe obelitolika gwenxa uye wazibona iimpazamo zakhe ekugqibeleni.√√

**OKANYE**

Umbhali akaphumelelanga kuba uthe xa ebonisa ukutolika gwenxa kwesiko wambaxa ekumzobeni wade wangakholeleka uZwilakhe kuba umzobe uZwilakhe wanenkani kakhulu akagungqa nakubeni kusifa abantu abaninzi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umbhali usebenzisa abalinganiswa abafana noMamQhinebe noMagatyeni ukuphulisa ukuba indlala imkhokelela umntu enze amanyala njengeenzame zokuphila okanye ukuzikhupha endlaleni.La manyala aba neziqhamo ezibi kuba aye angqzulane nezomthetho kunye nentlalo yoluntu.

**UMAMQHINEBE:**

- UMamQhinebe ngumfazi welali ongasebenziyo wabhujelwa yindoda esemncinci ushiyeke noxanduva lokukhulisa umntwana yedwa onguSiqhiwu.
- Unomhlobo wakhe akwisimo esinye naye uMaGatyeni,bobabini bakhulisa bantwana nzima,bebakhulisela endlaleni.Umntwana kaMaGatyeni nguSiphokazi
- UMamQhinebe ngenxa yesimo sakhe sendlala uthutha imithwalo yabantu erenkini. Yiloo madlana ke leyo ethe yamnceda ukondla usapho lwakhe nokufundisa uSiqhiwu.
- Imeko yomzi wakhe exela ukuba uyahlupheka imenza abelixhoba likaMagrazula ohanjelwa kakubi lishishini lakhe leentloko.Ufikelwa nguDlezinye ezokumqwakanisela ukuba angene emgibeni wokuba iintsana ukususa ikati eziko.
- Ngenxa yokuxakwa uMamQhinebe nokudikwa kukuthwalela abantu imithwalo erenkini ubona ingundlela lula lo uza noDlezinye,naye uwa emgibeni.
- Kuba ingekho into ayenza yedwa uMamQhinebe uqwakanisela uMaGatyeni ukuba naye enze lo msebenzi.UMaGatyeni ubona ubunzima bokubuyisa zonke izinto ebeziphiwa nguMamQhinebe uwa emgibeni Bobabini bazibona besenza izinto ezimbi ngenxa yendlala.
- UMamQhinebe uqiniswa nguMagrazula ukuze akwazi ukuba nesibindi sokuwenza

Downloaded from Stanmorephysics.com

lo msebenzi nanjengoko uMagrazula ebabona abafazi njengezinto ezingena sibindi.

- Lonke eli xesha uMamQhinebe esiwa evuka ezama amacebo alusizi uSiqhiwu kwelakhe icala ucatshukiswa kukuqeshwa kwabantwana abapase emva kwakhe,uzama ukulwa nolu lwaphulo-mthetho engazi ukuba umama wakhe uzifaka kolungaphezulu.
- OoSiqhiwu noSiphokazi bothuswa kukonyuka kwezinga lokubiwa kweentsana olupapashwe kwiphepha-ndaba bengazi ukuba abazali babo bayachaphazeleka kolu lwaphulo-mthetho.
- UMamQhinebe noMaGatyeni bagqiba ukuba bayokuba usana lukaNoziphongo ngelithi lufuneka eklinikhi.
- Abapheleli apho bayadlula baya kuNomakula bafike ehleli yedwa. Usebenzisa isixhobo esiyihamile afike sikhona apho endlwini ukugqeba uNomakula ukuze kubelula ukuthatha usana lwakhe.
- Usana luyatshweda eDutywa endleleni eya kuMagrazula okosana oluyaziyo imeko eliphantsi kwayo aluvumi ukuthuthuzeleka
- Isimbonono esenziwa lolu sana luye lwababizela umkhoka epoliseni ebelikufutshane neliye lafumanisa ukuba olu sana eneneni luyabiwa.
- UMamQhinebe kunye noMaGatyeni bayabanjwa besayanyaniswa nabo bonke abantwana ababiweyo.

**UMAQHIKIZANE**

- Indlala egqubayo kule ncwadi ikhokhekelela ekubeni uMaqhikizane azibone elixhoba layo engachaphazeleki kuyo kuba usebenza njengomqeshi wakwaRhulumente.
- UMaqhikizane unesandla ekukhuliseni indlala kule ncwadi.
- UMamQhinebe noMaGatyeni ngabafazi belali abagutyungelwe yindlala ngenxa yokubhujelwa ngabayeni besebancinci.Abantwana babo babafundise nzima ngemali yokuthwala imithwalo erenkini, uSiqhiwu kunye noSiphokazi.Emva kokufunda nzima abafumani misebenzi.Balindele ukuqeshwa nguMaqhikizane lo.
- UMamQhinebe uyayiqonda into yokuba akanakuwufumana umsebenzi uSiqhiwu ngaphandle kokunyoba kuba simva ethetha naye esithi kungcono abuyele ekuthwaleni imithwalo erenkini azokufumana imali yokunyoba umqeshi wakwaRhulumente onguMaqhikizane.Kulapho angavumelaniyo naye khona uSiqhiwu.
- USiqhiwu noSiphokazi bafumanisa ukuba abantwana abapase emva kwabo bawufumene umsebenzi nabo baya ngeliyokuzama edolophini.kodwa bengenayo imali yokunyoba uMaqhikizane nanjengoko indlala igquba.
- UMaqhikizane usebenzisa imeko kaSiphokazi yendlala ukwanelisa iimfuno zakhe ngokumlukuhla ukuba athandane naye emthembisa ngomsebenzi.
- Kwelinye icala uMaqhikizane ufuna ukuba uSiqhiwu makamnyobe ukuze amqeshe kodwa uSiqhiwu uma entla.
- Ngenxa yendlala uSiphokazi uzibona elukuhleka lula kwesi sicelo sikaMaqhikizane kuba umpha imali angazange abe nayo iikhulu leerandi.aze avulwe amehlo nguSiqhiwu.
- USiqhiwu wenza iyelenqe lokuba abusiphule neengcambu obu buqhophololo obukhulisa indlala emakhayeni abo busenziwa nguMaqhikizane ngokuthi ayokumxela emapoliseni.
- USiqhiwu wenza umgibe namapolisa ukuze kufumaneke ubungqina bokuba

Downloaded from Stanmorephysics.com

uMaqhikizane uyawuthengisa umsebenzi.

- USiqhiwu uzenza oyokunyoba uMaqhikizane, uMaqhikizane uwa emgibeni awubekelwe nguSiqhiwu, imali uyayithatha engazi ukuba imali ayithathileyo inobungqina obutyalwe nguKheneli Sibane bokuba isuka kuSiqhiwu.
- USiphokazi ungena eofisini kaMaqhikizane akuba ephumile uSiqhiwu ephathiswe itape recorder ngamapolisa ukuze ishicilele yonke incoko yabo.
- USiphokazi ucela imali kuMaqhikizane ngethemba lokuba uzakunikwa le isuka kuSiqhiwu njengoko uKheneli Sibane ezithathile iinombolo zayo kodwa umnika itshekhi.
- UKheneli Sibane ufika eofisini kaMaqhikizane ikuye ngokwenene le mali nethe yasetyenziswa njengobungqina bokuba ngenene imisebenzi uyayithengisa.
- UMaqhikizane uyabanjwa ngenxa yokunyoluka kuba zonke izenzo zakhe bezingaqhutywa yindlala.
- Indlala yala makhaya mabini elikaMamQhinebe noMaGatyeni ikhokelele kwisiwo sikaMaqhikizane.
- UMaqhikizane uphelelwa ngumsebenzi kuba uyokuvalelwa ejele.
- Inene indlala ikhokelele kwisiwo sikaMaqhikizane sele eneminyaka evisayo kwaRhulumente ngoku ulahlekelwa yiyo yonke imali ebeyisebenzele iminyaka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLAL'INAMANYALA – M Lamati**

17.1 Ngenjongo yokuxelela uMaGatyeni ngecebo lokuba iintsana ukuze bafumane ubutyebi.√√ (2)

17.2 Ndiyangqina kuba uMamQhinebe waphela ekuyeka ukuthandaza ngenjongo yokuphuma endlaleni wabhenela ekubeni iintsana. √√ (2)

17.3 UMamQhinebe ukulungele ukunyoba ukuze aphume endlaleni kanti uSiqhiwu akakufuni nokukubona ukunyoba uxolele ukusokola. √√ (2)

17.4 Abadala bakholelwa ekubeni umsebenzi ungawufumana ngokunyoba kanti ulutsha kukholelwa ekubeni umsebenzi uwufumana ngemfundo onayo.√√ (2)

17.5 Sesokuba endaweni yoyokuhlala neengingi uphela eyokuhlala namabanjwa entolongweni.√√ (2)

17.6 Ngabantu abafuna ubutyebi obukhawulezileyo bade babulale √kuba uMamQhinebe noMaGatyeni bafuna ukuzikhupha endlaleni ngokuba iintsana bazithengise baze baphelele entolongweni. √√/Ngabantu abasebenzisa izikhundla abakuzo zikarhulumente ukunyobisa.√ kuba uMaqhikizane wasebenzisa isikhundla akuso wathengisa imisebenzi waza waphelela etrongweni. √√/Abantu abamela inyaniso nobulungisa.√ kuba uSiqhiwu wamela ubulungisa wachasa isinyobo waza waphela eliqhawe efumana nomsebenzi. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo (3)

17.7 Kungenxa yokuba zange agwetywe kancinci wagwetywa iminyaka esibhozo entolongweni ngaphandle kwentlawulo,esebenza nzima.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.8 Sikwinqanaba lokusonjululwa kwezinto.√√ (2)

17.9 UMagrazula usebenzisa iintloko zabantwana ukukhulisa ishishini lakhe lokunyanga abantu ngamayeza esiNtu. √√/UDlezinye uzijika azenze ixhego lomfundisi ngeenjongo zokurhwebesha abantu abazakuba iintsana baze bafumane imali. √√/UMalunyawana wenza umsebenzi ongcolileyo wokujika inkangeleko yabantu ukuza azuze imali.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.10 'Ndicela siyiyeke le ncoko, kuba ke ingathi nizimisele ukuwanqa yonke into le, neningayaziyo.' √√ (2)

17.11 Isigqibo sikaSiqhiwu sokuxela uMaqhikizane aze abanjwe samenza iqhawe waphela efumana umsebenzi kunye nabanye abasebatsha.√√ (2)

17.12 Umbhali uphumelele kuba uMaqhikizane uye abanjwe ekubeni efuna ukusebenzisa isikhundla sakhe kakubi.√√/Uphumelele kuba uSiphokazi noSiqhiwu baphela befumana umsebenzi bengakhange banyobe mntu. √√/ Uphumelele kuba uMamQhinebe noMaGatyeni baphela bebanjwa ngokwenza okugwenxa ukuze bagxothe indlala.√√/
Akaphumelelanga kuba umbhali ubabaxile ekubazobeni abalinganiswa abafana noMamQhinebe noMaGatyeni ngeenzame zabo zokuba iintsana ukugxotha indlala.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | **5-6**<br>-Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | **4**<br>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | **3**<br>-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | **2**<br>-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | **0–1**<br>-Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | **4**<br>-Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | **3**<br>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | **2**<br>-Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | **1**<br>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | **0–1**<br>-Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke nesimbo esingachanekanga |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.